



Province of the  
**EASTERN CAPE**  
EDUCATION

**ISIGABA ESIPHEZULU**

**IBANGA LESI 9**

**EYENKANGA 2014**

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA P3  
MEMORANDAM**

AMANQAKU: 60

---

Le Memorandum inamaphepha ama - 5.

---

**ICANDELO A****UMBUZO 1****IRUBRIKI YEZINCOKO**

<b>Ingongoma</b>	<b>5</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1</b>
Umxholo	Umfundi ubonakalisa ukuyazi into abhala ngayo de asebenzise imizekelo ngolwazi analo	Umfundi ubonakalisa ukuyazi into abhala ngayo usebenzisa nemizekelo	Umfundi uyaqonda kodwa kufuneka esebeenze ngokuzimisela	Akukho sihlahla umongo ubhityile awanelisi	Isihloko siqondwa luzizi ulwazi lufihlakele
Isicwangciso somsebenzi	Uyilo lwezimvo lucwangciswe ngokucacileyo kwimephu yengqondo izimvo zivela zithungelana ziyahambelana ngokwamanqanaba azakhele wona.	Uyilo lugqwesile kwimephu yengqondo,izimvo ziqaqambil kwaye zilandeleka lula	Uyilo lukhona kwimephu yengqondo izimvo zisemgaqweni kwaye zilandeleka lula	Lukho uyilo kwimephu yengqondo olungephi kodwa akukho sikhokhelo sisiso, uphumile emxholweni	Akukho mbonakalo yayilo konke kugqame ukungaqondi
Isakhiwo	Isakhiwo sakhe asithandabuzeki ,izimvo zihambelana ngokwemihlathi	Isakhiwo sakhe asithandabuzeki ,izimvo zihambelana ngokwemihlathi	Isakhiwo silandelwe kodwa asinasihlahla, izimvo ezingundoqo zikhona kodwa ukuthungelana kwezimvo kukumana kulahleka	Akukho kuthungelana phakathi kwemihlathi okugqibeleleyonezimvo azinelisi	Isakhiwo asicacanga kwaye ukuthungelana kwezimvo akubonakali nentsingiselo ayivakali.
Ukusetyenziswa kolwimi, upelo nempawu zokubhala	Ulwimi lusetyenziswe ngendlela ephuhlileyo kukho amagama akhethiweyo anika umda. Upela kakuhle akanazimpazamo.	Akukho ziphene ulwimi lusetyenziswe ngendlela efanelekileyo, isigama nesimbo zitsala umxhelo. Upela ngendlela echanelekileyo	Ulwimi lusetyenziswe ngendlela kodwa zikho iziphene ezimbalwa, upelo luchanekile, isimbo sokubhala siyahambelana neenjongo	Iziphene zolwimi zininzi. Upelo nokusetyenziswa kwempawu zokubhala kusafuna ukuqwalaselwa	Iziphene zolwimi zininzi, intsingiselo ayikho kunye nezimvo. Akawuqondi kakuhle umcimbi wopelo nempawu zokubhala

**AMANQAKU ECANDELO A: 40**

**ICANDELO B****UMBUZO 2****2.1 IRUBRIKI YENCWADI (ILETA)**

<b>lingongoma eziza kujongwa.</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1 inqaku</b>
	Amanqaku ma-6	Amanqaku ma-4	Inqaku li-2	Amaqaku akakho- 0
Izivakalisi	Zonke izivakalisi zakhiwe ngemigaqo yowlimi ngesiXhosa esisululungekileyo akukho zimpazamo.	Zonke izivakalisi zakhiwe ngokufanelekileyo	Ubuninzi bezivakalisi abunazo iimpazamo ngokwakheka kwazo	Zininzi iimpazamo ezifumanekayo kulwakhiwo lwazo.
Iziphumlisi	Uzichanile iziphumlisi kuyo yonke indlela yokubhala	Inye impazamo efumanekayo yesiphumlisi	Zintathu iimpazamo ezifumanekayo zeziphumlisi	Zininzi kakhulu iimpazamo ezifumanekayo zingaphezulu kwisine.
	Amanqaku ma-8	Amanqaku ma-6	Amanqaku ma-4	Inqaku li-2
Izimvo zomxholo	Izimvo zibekwe ngendlela yobuchule ecace kakhulu zicwangcisiwe kulula ukufumana umxholo weleta.	Izimvo zibekwe ngokucacileyo nomxholo uyavela	Izimvo zicwangcisiwe kodwa azigqibelelanga ukucaca malunga nomxholo weleta	Ileta ibonakala ngokungathi kuqokelelwie izivakalisi ezinganiki ntsingiselo nomxholo weleta
	Amanqaku ma-6	Amanqaku ma-4	Inqaku li-2	Amaqaku akakho- 0
Isakhiwo sencwadi	Isakhiwo siqwelaselwe ngendlela echanelekileyo kuyo yonke imiba yesakhiwo	Phantse zivele zonke iimpawu zesakhiwo seleta yobuhlobo	Ezinye iimpawu zesakhiwo azivel.	Aziveli iimpawu zesakhiwo ngokucacileyo.
Amagama nolwimi	Amagama asetyenzisiweyo ngakhethenkileyo athi anike ukusulungelwa kolwimi.	Uwasebenzisile amagama akhethenkileyo kwezinje iimeko	Avela kancinci amagama akhethenkileyo.	Akaveli konke amagama akhethenkileyo

[20]

## 2.2 ITEKISI YONXIBELELWANO: IDAYARI

<b>lingongoma</b>	<b>4</b>	<b>3</b>	<b>2</b>	<b>1</b>
Amanqaku	Amanqaku ma-6	Amanqaku ma-4	Inqaku li-2	Amanqaku akakho-0
Ifomathi nobude (3 amanqaku)	Ifomathi igqibelele nobude buqwalaselwe ngokwanelisayo	Ifomathi iqwalaselwe nobude noko buyanelisa	Uyizamile noko ifomathi nangona ubude bukhalazeleka.	Ifomathi ayiggibelelanga nobude buyakhazeka kakhulu bude okanye imfutshane kakhulu.
	Amanqaku ma-6	Amanqaku ma-4	Inqaku li-2	Amaqaku akakho- 0
Ulwimi (3 amanqaku)	Izivakalisi zibonisa ubuchule obuggibeleyo bokubhala, upelo neempawu zokubhala ziqwelaselwe kakhulu akukho kukhalazeka.	Izivakalisi zibhalwe kakuhle ulwimi luchanekile zimbalwa iimpazamo ezifumanekayo kwiimpawu zokubhala.	Izivakalisi aziggibekanga ngokuthe ncum xa zibhalwa, zinanzi iimpazamo zeempawu zokubhala njengokupela neziingxi	Izivakalisi zibhetyebhetye neempazamo zempawu zokubhala zinanzi.
Amanqaku	Amanqaku ma-8	Amanqaku ma 4-6	Inqaku Li-2	Amanqaku akakho-0
Umxholo (4 amanqaku)	Umxholo uchanekile uhambelena ngokuchanekileyo nezimvo.	Umxholo uchanekile zimbalwa iimpazamo ezifumanekayo	Umxholo uyalabalaba zinanzi iimpazamo	Umxholo awuchanekanga nenjongo ayiphunyezwanga, zinanzi kakhulu neempazamo ezifumanekayo.

[20]

## 2.3 ISIBHENGEZO

### QAPHELA OKU:

1. Okubhaliwego makucace ngamagama amakhulu ukuba kungantoni ✓ (4)
2. Qaphela ukuba ujolise koobani ✓ (4)
3. Makunike umdla okubhaliwego nangemizobo ✓ (4)
4. linkcukacha mazivele zonke ✓ (4)
5. Ulwimi olusetyenzisiwego malunike umdla ngokusebenzisa amagama akhethiwego ✓ (4)

<b>AMANQAKU ECANDELO B:</b>	<b>20</b>
<b>AMANQAKU EWONKE:</b>	<b>60</b>
<b>AMANQAKU AGUQUELWE: (60 ÷ 2)</b>	<b>30</b>





